Kungekudala wa ka ekoneni yezitalato iWarthog Avenue kunye nesitalato iBaobab.

Izihlobo zonwabela incasa yesityu, zirhabula incindi ngeli lixa zihleka oonomademfu benxwala iinyenzane ezingxolayo.

Sesona sidlo sakho sakha sagqwesa esi, watsho uWendy, elenca ngolwimi iintsalela zokutya ebusweni bakhe. Inokuba ibingumsebenzi omkhulu kakhulu ukusipheka.

Tu ke ngoku, waphendula uHank ngokuzingca. Enyanisweni, lo ngumsebenzi wam wesiqhelo. Linda nje wena isiteykhi serhamba esivuzisa amathe endisilungiselele ingomso!

Konke kungumsebenzi wam wesiqhelo

Ibhalwe nguBandile Sikwane • Imizobo nguElizabeth Sparg

Izimvo eninokuthetha ngazo

Kokuphi ukutya kwakho okuthandayo? Zeziphi izithako ozifunayo ukwenza ukutya kwakho okuthandayo? Ngubani ongammemela kwisidlo sangokuhlwa kwaye ngokuba kutheni abo bantu?

Umfanekiso

Yiya kwiphetshana lemisetyenzana apha: **https://nalibali.org/story-supplies/activity-sheets**

Faka imibala emfanekisweni uze uwugqibezele. Zoba umfanekiso kwiqamza leengcinga ukubonisa ucinga ntoni uHank.

Ukufunda

Yiba ngumcuphi wamagama! Lijonge ngononophelo ibali. Ungawafumana amagama ezi:

- izilwanyana ezilithoba
- iziqhamo ezibini
- izitalato ezibini?

Ukubhala

Sebenzisa iinkcukacha ezisebalini ukubhala iresipi yesityu asenzileyo uHank. Khumbula ukubhala uluhlu lwezithako kuqala ezifunekayo kunye nemiyalelo ke ekufuneka ayilandele uHank ukwenza isityu. Sinike igama isityu.

Ubuchule

Sebenzisa udongwe lokudlala okanye udongwe ukwenza imbiza yesityu – mhlawumbi isityu esenziwe nguHank okanye isityu sakho!

Ukwenza

Dlala uHank eqokelela izithako zesityu sakhe kwaye esenza. Sebenzisa iresipi yakho ukukunceda.